



Kukh'umlilo kwezo Ntaba

Le ncwadi yeka









Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

Kukh'umlilo kwezo Ntaba
(*There's a Fire on the Mountain*)

Illustrated by Julie Smith-Belton

Written by Kirsty Paxton

Designed by Nadene Reignier

Edited by Margot Bertelsmann

Translated by Sebolelo Mokapela

with the help of the Book Dash participants in the Virtual Book Dash on 15 May 2021.

ISBN: 978-1-77623-189-8

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.


No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.



Kukh'umlilo kwezo Ntaba

Julie Smith-Belton Kirsty Paxton Nadene Reignier








Mna nabahlobo bam
sinomdlalo esithanda
ukuwudlala.

“Kukh’umlilo kwezo ntaba. Baleka,
baleka! Kukh’umlilo kwezo ntaba.
Baleka, baleka!”







Kwaza ngenye imini kwatsha nyhani
entabeni. Yayingumlilo ombi kakhulu
owatshisa wagqugqisa.






Izakhiwo ezikhulu, ezidala
zatsha, iincwadi zatsha, imithi
nengca zatsha. Iihelikopta
zagalela amanzi kuloo mlilo yaye
amagorha abacimi-mlilo atsho
ngemibhobho yawo yamanzi.







Nabantu babaleka. Baxhiphula iincwadi
neebhegi zabo baze babaleka umsi
namadangatye omlilo.









Emva kweentsuku ezintathu ezinde,
amadangatye ayecimile.

Abacimi-mlilo ekugqibeleni batsho baphumla.








Amathambeka entaba ayemnyama.
Xa sasihamba entabeni, sasibona nje amatye
nezihlahla ezitshileyo.

Sonke sasilusizana kakhulu.





Kwade ngenye imini ... kwathi gqi iintwana-
ntwanana ezibomvana kobo bumnyama.

“Jonga, jonga. Yintoni leya?”







Ezi ntwana-ntwanana
zibomvana
zaya zikhula ngokukhula
de zajika zaba
ziinyibiba zomlilo
ezintle, ezinde
ezinomfaneleko ezitsho
ngeentyatyambo ezibomvu
ezimile okwentsimbi.







Emva koko kwavela iintyatyambo ezinkulu,
ezibomvu zidubula kuhlaza ngokungathi
ziintabamlilo.

Zazikhangeleka ngokungathi ziityhubhu
ezibomvu ezingqingqwa ezinamevana amthubi
kunye namagqabi abomvu, amakhulu.
Kwantshula amachokoza aluhlaza kuyo
yonke intaba le, ejika obo bumnyama
bube yingca neebhosisi eziluhlaza.





Emva koko kwamila iifeni ezibu-asparagasi kwiindawana ezime amanzi emwula.





Kunye
newatsoniya ende
eorenji napinki.







Kungekudala nje intaba
yabe sele ithiwe wambu
ngezityalo esasisele
sineminyaka singasaziboni.







Intaba ngoku igcwele bubomi obutsha!



